## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI** | | |
|---|---|---|
| **Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' Uphandle* | 35 | 9 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13 |
| **ICANDELO B: IDRAMA** | | |
| **Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 17 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 21 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE** | | |
| **Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Ikhikhizela laseDangwana' | 18 | 25 |
| | | |
| 6.2 'Ngumntu onjani lo?' | 17 | 27 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE** | | |
| **Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Umnqayi' | 17 | 29 |
| | | |
| 7.2 'Mfazindini wase-Afrika' | 18 | 31 |

**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI. Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| **IICANDELO** | **IINOMBOLO ZEMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO** | **PHAWULA (√)** |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>*(Kusa Kusihlwa)*<br>*(Umqol' uphandle)*<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Ikhikhizela laseDangwana')<br>('Ngumntu' onjani lo?') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Umnqayi')<br>('Mfazindini wase-Afrika') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.



ÉcoleBooks
DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ICANDELO A: INOVELI**

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 **ISICATSHULWA A**

Aba bangasemva babencokola kodwa aba bangaphambili babengancokoli kuyaphi. Le nto yoku kuthula kukamama notata yenze ukuba nabanye aba bazive bemanyonywana. Umqhubi lo ubethiwe lwale ziingcinga zobukhwele, umphefumlo lo undondotheka kuba kaloku intokazi le asinqala yimfene. Ezi ngcinga zimenze ukuba azibone selebaleka ngamendu aphezulu engaziva. Umqhubi lo nomyeni wakhe bebezigabangxe ngeebhanti zokhuselo. Bekuthe nzwanga. Indoda iwaqaphele la mendu angaka nokuwathatha tenxileyo amagophe endlela, yanqanda. Iwathobile inkosikazi okweekhilomitha ezimbalwa kodwa abuya enyuka. Ingqondo yomqhubi iyaxoxa, kuvunduka intlamba engqondweni akukho konwaba emphefumlweni. Indoda yona nabanye abazi ukuba kukho idabi eliliwayo engqondweni kuhanjwa nje.
Indlela ibiphinyela phakathi kwamasimi omoba, ijonge kwenye ibhulorho. Kuthe xa athatha idolo lokugqibela ukuba eza kujonga kule bhulorho, kwathi thu kufutshane isiphekepheke semoto yaseRhawutini isiza ngakubo. Ngenxa yokuba le ndawo ayibone kuyo ibisedolweni, uthe eyiphuthuma eyizisa kwicala lakhe, ayavuma. Iye yaphuma endleleni igqotsile yajonga ngezantsi mayela nebhulorho apho bekukho iindonga, phakathi kwesishinyano semithana ebikule ntlanjana, nobufukufuku bengcelwane.
Kuvakele isithonga esikhulu sokubetheka kwale nqwelo ematyeni, nokubhukuqeka kakubi okulukhuhle kwaphehla abangaphakathi. <u>Isikhalo sabo bebeseneengqondo zabo ngaphakathi, sasinganyamezeleki</u>. Kuloo madulubhentsu okuntlitheka, ukuntlaleka noqulukubhode, ukubetheka nokuqengqeleka, kuye kwavuleka ucango lwangemva kwatyekezwa kuqala uYolisa owashiyeka etyholweni emkelwe zingqondo.

1.1.1 Xela igama lendawo ekwakusiyiwa kuyo lolu sapho lwakwaNtsibande. (1)

1.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uNomakhwezi wayekhathazekile emoyeni ngoku aqhubayo. (1)

1.1.3 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oqulethwe sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela ukuba uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni. (2)

1.1.4 Chaza indlela abasinda ngayo ekufeni uYolisa noMpumelelo kule ngozi yemoto ikwisicatshulwa. (2)

1.1.5 Ngqina ukuba le ngozi kuthethwa ngayo kwisicatshulwa yamchaphazela ngendlela embi engqondweni uMpumelelo. (2)

1.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi luyinyani.

UNozililo wayengunobangela wokubhubha kukaNomakhwezi noLungile ngengozi yemoto. (2)

1.1.7 Chonga zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

ÉcoleBooks

(a) UNomakhwezi watyoboza imoto yomsebenzi kaLungile.
(b) UNozililo wathenga ootsotsi bokuya kubulala uMpumelelo eLusikisiki.
(c) ULungile wayithenga kuNtongana ivenkile.
(d) UMpumelelo wandisa isibhedlele eLusikisiki (2)

1.1.8 Cacisa indlela oku kuqhubeka kwisicatshuwa okulikhulise ngayo ibali. (3)

1.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli ze uxhase impendulo yakho.

Umbalisi kule noveli (ngumntu ongaphakathi ebalini/ngumntu ongaphandle ebalini). Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## 1.2 ISICATSHULWA B

Kule ntlanganiso yabo bobathathu uMpumelelo uthe, 'tatomncinci, umnqweno wam mnye, ngowokuba sihlalisane ngoxolo kulo mzi wakwaNtsibande. Njengoko ubusele uwaqhuba la mashishini akazi kuchukunyiswa. Aza kuhlala eyile nto ayiyo elondolozwe nguwe, phofu sincedisana sobabini. Injongo yam kukuba eli lifa libe lelethu sonke apha kwaNtsibande, sonke sifumane ngokomgalelo womntu ngamnye. Siya kuhlala siliqumrhu siye sisanda ngokwanda kweshishini. Andithi kanene nomakhulu uYolisa unomgalelo athe wawenza?'

'Ewe, nanga amanani akhe.'

'Ke, iincwadi ziza kuhlala ngolu hlobo zilulo ndide ndibe nenkosikazi nabantwana. Mna ndithanda ukuya kusebenza apho ubawo azalwa khona njengoko senditshilo. Inkaba yam iyandixelela ukuba ubizo lwam lulapho.'

Phambi kokuba aye kuqala eLusikisiki, uThamsanqa ucebise ukuba makuqale kuzalisekiswe isithembiso sabo kumawabo ukwenzela ukuba ze kungabikho magingxigingxi.

'Yinto eza kuba luhlobo luni, le, tatomncinci? Khawundityebisele.'

'Kaloku mfo wam, le nto inje. Ngokuya ubungekho, sithe sakudibana namaJwarha sagqiba kwelokuba ufanelwe kukuba uthi njengokuba ugqibile nje, uthathe amathamsanqa kooyihlo, wenze umbulelo wokuba bekugcinile wada waba ugqibile ukufunda, ukwenzela ukuba neqalo lakho lithi mbo. Sithe sakube siwuqulunqa lo mcimbi safika unayo indawo eyinkxaka-luphondweni kuba wena ufana nomntu oyinzalelwane yalapha eThekwini, ukanti isinqe samawenu la anesikhalazo nesikhalo ngathi siseLusikisiki.'

EcoleBooks

1.2.1 Kwakutheni ukuze uLungile acele uThamsanqa ukuba aze kuncedisa kula mashishini? (2)

1.2.2 (a) Xela ukuba kuvela njani kwintetho kaMpumelelo ukuba ungumntu othanda uxolo kwesi sicatshulwa. (1)

(b) Ngqina uzixhase ukuba luzobo olumayana olusetyenzisiweyo ukuveza oku kuthanda kwakhe uxolo. (2)

1.2.3 Nika igama lenkosikazi kaMpumelelo. (1)

1.2.4 (a) Xela igama lendawo athi uMpumelelo uzalwa kuyo utata wakhe. (1)

(b) Chaza ukuba le ndawo isiphuhlise njani isakhono sakhe sobugqirha. (2)

1.2.5 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKholam B nophawu lwayo olukuKholam A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo. | (i) Yidrama. |
| (b) Ibhalwa ngokohlobo lweprozi. | (ii) Sisichazi-magama. |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso. | (iii) Sisihobe. |
| | (iv) Libali elifutshane. |

(3 x 1) (3)

1.2.6 Chaza ukuba uYolisa umele eliphi iqela labantu ngokwasentlalweni yoluntu. (2)

1.2.7 Ingaba siyakholeleka isimo somlinganiswa onguMpumelelo esivezwa kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.8 Xela udidi lwale noveli. (1)
**[35]**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo oziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

### 2.1 ISICATSHULWA C

Ilokishi yaseMonti ivuswe ebuthongweni liphephandaba laloo mini ngeendaba ezibhengeza ukuba: 'BAFUNYENWE BEFILE KWIMOTO EBUBUTYOBO.' Inqaku eliphume kwikhasi lokuqala kolo shicilelo livele lisithi, 'Phezolo, uEddie Maga wodumo lwaseMoonglow ekunye noLulama Zuma bafunyenwe besongene beyintlama - sebefile emva kwevili lemoto ebubutyobo, kuloo mpengempenge yendlela isuka kwiRio Cinema, ekupheleni kwelokishi yaseZiphunzana. Abantu ababephuma kumboniso obukuloo holo bangungene phezu kwaloo mbono umasikizi, behanjelwa yimizimba kukubona imoto ingene yacudiseka kwisibonda seengcingo zogesi. Umkhondo oshiywe ngamavili ubonakalisa ukuba imoto leyo yenze amajikojiko ukuyilahla kwayo indlela phambi kokuba iye kungqubeka kweso sibonda. 'Kufunyenwe imbumbulu ekucingelwa ukuba iphume kwivolovolo eyi-38 automatic. Imbumbulu leyo ifunyenwe ithe qhushe phakathi kukhakayi lwentloko kaEddie Maga. Ivolovolo yona ayibonwanga. Amapolisa asaphanda.

'Esi sihelegu sehle kubantu ababonwe bekunye eRio, beyinxalenye yaloo nginginya ibizalise kuloo holo, itsalwe yindumasi yomboniso webhayaskophu onembalasane uNongqawuse.' 'Kuyacaca ukuba baphulukene nobom babo beyindlela egodukayo.' Kanti ke esi siganeko sandulelwe kwangephezolo elo zizigigaba eziqale kwigumbi likaLinda Monti, esona sithandwa saziwayo sikaEddie.

2.1.1 Xela indawo ebabevela kuyo uEddie noLulama ngemini abafumana ngayo ingozi. (1)

2.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba babenzakele kakhulu ooEddie. (1)

2.1.3 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oqulethwe libinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela ukuba uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni. (2)

2.1.4 Chaza ukuba wenza ntoni uLinda ngobusuku obandulela ukufa kukaEddie noLulama. (2)

2.1.5 Ngqina ukuba esi sihelegu sokufa kukaEddie noLulama sabangela ukwahluka kwezimvo zabantu baseMonti. (2)

2.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi luyinyani.

UDuma Hlelo ube ngunobangela wokuba uHlobo abone ukuba abugcwelanga ubungqina anabo bokubeka uLinda ityala. (2)

2.1.7 Khetha zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UThembisa Ntlokonkulu wahambela kwisikhululo samapolisa.

(b) UHlobo waya e*Moonglow* apho wathi akubhaqwa ukuba ungumcuphi wabethwa.

(c) UJoe Bumba wanika ubungqina enkundleni yamatyala obabuveza ubukhwele bukaLinda.

(d) UHlobo waya e*Femina House* ukuya kubuza malunga *nemink coat*. (2)

2.1.8 Cacisa indlela oku kuqhubeka kwisicatshuwa okulikhulise ngayo ibali. (3)

2.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

ÉcoleBooks

Umbalisi kule noveli (ngumntu ongaphakathi ebalini/ngumntu ongaphandle ebalini). Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


## 2.2 ISICATSHULWA D

Ude wangena umhlekazi, iMantyi, ithe wambu umnweba wayo omnyama, ihamba netoliki yayo. Indlu inike imbeko ngokuphakama. Kudluliselwene amaphepha yiMantyi nomtshutshisi. Emva kokubhala into engenasiphelo, ide yadanduluka inqeberhu yeMantyi ngelizwi eliphantsi, intetho yayo itolikwa ngesiXhosa ukubhekiswa kosemkhumbini.
'Wena Linda Monti, ubekwa ityala lokubulala owothi uzihlangule kulo kule nkundla xa livavanywayo ngomhla wethoba kwinyanga ezayo, ngentsimbi yeshumi, kusasa. Uvavanyo olo ndilumisela loo mhla. Ingaba ukho onento yokuthetha kwesi sithuba?'
Kuphakame uMtshutshisi, wahambisa wathi, 'Wena Ohloniphekileyo, makube chosi, kube hele! Ngokuzithoba okukhulu, ndenza isicelo sokuba le nkundla igunyazise okokuba ummangalelwa abe selugcinweni lwentolongo de kube nguloo mhla wokuvavanywa kwetyala. Ndinezizathu ezenza ndikholelwe ukuba ukukhululwa kommangalelwa kwesi sithuba kothi kuphazamisane nabatshutshisi xa beqokelela ubungqina beli tyala,' yatsho ihlala phantsi le nto.
'Umthetheleli uthini?' ibuzile imantyi.
'Wena Ohloniphekileyo!' Isukume ngaloo mazwi into kaKhumalo.
'Egameni lommangalelwa, ndicela ukuba le nkundla ibonakalise uvelwano kummangalelwa ngokuthi imkhulule ngebheyile, abe ngaphandle kwentolongo de kufike umhla wokuvavanywa kwetyala.
'Ummangalelwa ulufanele uvelwano ngenxa yobuthathaka bempilo yakhe, ngakumbi emva kwesi sihelegu sokufa kwalowo wayethandana naye.' Egqithisa incwadana kumantyi uthe, 'Ndihambisa incwadi enengxelo efungelweyo evela kugqirha wommangalelwa obemvavanya kutsha nje.

2.2.1 Kwakutheni ukuze inkundla ilibeke kuLinda ityala lokufa kukaEddie noLulama? (2)

2.2.2 (a) Xela ukuba kuvela njani kwintetho kaKhumalo ukuba ungumntu ozama ukujija ingqondo kaMantyi kwesi sicatshulwa. (1)

(b) Ngqina uzixhase ukuba luzobo olumayana olusetyenzisiweyo ukuveza ubuchule bukaKhumalo bokukwazi ukujija ingqondo yomnye umntu. (2)

2.2.3 Nika igama legqwetha likaLinda. (1)

2.2.4 (a) Xela ukuba sehla ngaliphi ixesha isihelegu sokufa kukaEddie noLulama. (1)

(b) Chaza ukuba eli xesha lesi sihelegu lincedise njani ukuphumeza iinjongo zababulali babo. (2)

2.2.5 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKholam B nophawu lwayo olukuKholam A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo. | (i) Yidrama. |
| (b) Ibhalwa ngokohlobo lweprozi. | (ii) Sisichazi-magama. |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso. | (iii) Sisihobe. |
| | (iv) Libali elifutshane. |

(3 x 1) (3)

2.2.6 Chaza ukuba uEddie umele eliphi iqela labantu ngokwasentlalweni yoluntu. (2)

2.2.7 Ingaba siyakholeleka isimo somlinganiswa onguThembisa esivezwa kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.8 Xela udidi lwale noveli. (1)
**[35]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2

3.1 **ISICATSHULWA E**

Nabakhe abantwana uRhadebe babonisa ukuba yimizekelo kwabanye abantwana ngokuthanda isikolo. Phofu asingeqiniseki ukuba babekwenza oko ngokoyika uyise kusini na.
UHlubikazi, umafungwashe kaThandabantu, wachelezela ukuhamba kumabanga aphantsi esoloko ephuma kwiqela lokuqala lesihlanu ezimviweni. Wayekhuthele ebonakala engumntwana ozolileyo othethela phantsi. Waliphumelela emagqabini ibanga lesixhenxe. Nalapho phakathi kwekhaya wayekhuthele engumzekelo kwabo beza emva kwakhe abantwana. Abazali bakhe ngamabhongo bamthumela kwisikolo esinewonga, iSt John's College. URhadebe waxhela inkabi yonke yegusha sele equka nabanye abo apho, kuba nabo babephumelele kwawabo amabanga. Intombi yabo yayiphumelele emagqabini, into ke leyo yayibanika ithemba lokuba iya kuqhuba kakuhle nakwazayo amabanga iphumelele ukuze ibe ngumntu ofundileyo. Yena ke uMamTolo wayesele eyibona intombi yakhe ingugqirhakazi, sele isitsho ngaloo bhatyi imhlophe, ixwaye loo ntanjana yokuxilonga ichophise izixhobo ngokucekethekileyo kuloo mpumlo yayo. Hayi ke wona amabhongo obuzali ngokungabi nasiphelo! Imoto <u>bayibetha yancinci</u> endleleni esinge eThekwini ukuya kuthengela uHlubikazi iimpahla zasesinaleni. Kaloku iSt John's ngelo xesha yayisikolo esaziwayo nesidumileyo, kwaye kufunda kuyo abantwana abagqwese ngobukrelekrele kwakho ingabantwana, isininzi, babantu abaziwayo ekuhlaleni. Ngoko ke naye unina akazange afune ukuba ahleleleke phakathi kwabanye umntwana wakhe, kwaye ke neentsiba zokwenza oko zazikhona.

3.1.1 Xela isinala awayefunda kuso uHlubikazi. (1)

3.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uRhadebe noMamTolo babenebhongo ngokupasa kukaHlubikazi emagqabini. (1)

3.1.3 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oqulethwe libinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela ukuba uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni. (2)

3.1.4 Chaza indlela abaziphatha ngayo abantwana bakaThandabantu ngexesha ababefunda ngalo eMthatha. (2)

3.1.5 Ngqina ukuba izimilo ezibi zabantwana bakaMamTolo zabuchaphazela ngendlela embi ubomi bakhe. (2)

3.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi luyinyani.

UMamTolo waye waguquka ekumjongeleni phantsi uMonwabisi kuba engamzali, wambona njengomntwana oluncedo. (2)

3.1.7 Khetha zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UGcinikhaya wafumana ingozi yebhasi wabhubha.
(b) UMonwabisi waphumelela ibanga leshumi emagqabini.
(c) UThandabantu wavusa itrektari eyonakeleyo walimela abantu amasimi.
(d) UMonwabisi wamkela uxanduva lokongamela amashishini kaThandabantu. (2)

3.1.8 Cacisa indlela isiganeko sokubhubha kukaGcinikhaya esilikhulise ngayo ibali. (3)

3.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Umbalisi kule noveli (ngumntu ongaphakathi ebalini/ngumntu ongaphandle ebalini). Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


3.2 **ISICATSHULWA F**

Yena uThandabantu wabuyela kuloo meko injalo kwakhe, yonke into awayeyisebenzele yonakele kungekho ilungayo. Ngaphezulu kwezo sele zikhankanyiwe izinto ezathi zakhathaza umphefumlo wakhe, amantombazana akhe amphoxa ngendlela aziphatha ngayo kuloo Mthatha ayefunda kuwo. Zonke ezi zinto zonakala ngexesha uRhadebe esengusihlalo wombutho woosomashishini, ngoko ke engekho ngokwekhaya ithuba elininzi, kushiyeke inkosikazi yakhe njengomntu omdala. Ngoko ke kwakulindelekile ukuba ityala alibeke emagxeni kaMamTolo, ukuze ke abe usola yena ingakumbi ngokwenzeka kumashishini nangendlela awayewaphatha ngayo amantombazana abo.

Kodwa yena uHlubi akazange enze ngolo hlobo. Wazimisela ukuba uza kuzama ukumbonisa impazamo yakhe unkosikazi wakhe ngolunye uhlobo. Waqonda ukuba iyantlukwano ngokucinga ngabantwana babo ingabangela ukuba bona njengabazali babo baxabane, into enokubangela ukuchitheka kwelo khaya lakhe. Waqonda uRhadebe ukuba akukho yahlula ikhaya lakhe njengeengqondo ezahlukeneyo ngokucinga ngosapho kubazali.
Abantwana zizilumkwana apha ezithi zikhawuleze ukuqaphela ukuba izandla zabazali babo azifani ngakubo, ufike ke sele besondele kulowo ubavumelayo ukuba benze unothanda, naye ke bethu lo mzali uthandwayo ayekelele nangakumbi kuba ezidla ngokuthandwa ngaphezulu kweqabane elo lakhe. Into eye isithele kwelo qabane lithandwa ukwedlula elinye yinto yokuba ngoko kuyekelela kwalo liyabona abantwana...

3.2.1 Kwakutheni ukuze uThandabantu akhe angabikho emzini wakhe? (2)

3.2.2 (a) Xela ukuba kuvela njani kwesi sicatshulwa ukuba uThandabantu wayengumntu onendlela yokuthetha nomntu ambonise. (1)

(b) Ngqina uzixhase ukuba luzobo olumayana olusetyenzisiweyo ukuveza ubuchule bakhe bokukwazi ukuthetha ngendlela eyiyo nomntu. (2)

3.2.3 Nika isiduko somfazi owayengakwazi ukuthetha owafika kwaThandabantu. (1)

3.2.4 (a) Xela indawo elalikuyo ishishini lokuqala likaThandabantu. (1)

(b) Chaza ukuba le ndawo lalikuyo ishishini likaThandabantu incedise njani ukuqaqambisa isiphiwo sakhe sobuntu. (2)

3.2.5 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKholam B nophawu lwayo olukuKholam A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo. | (i) Yidrama. |
| (b) Ibhalwa ngokohlobo lweprozi. | (ii) Sisichazi-magama. |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso. | (iii) Sisihobe. |
| | (iv) Libali elifutshane. |

(3 x 1) (3)

3.2.6 Chaza ukuba uMonwabisi umele eliphi iqela labantu ngokwasentlalweni yoluntu. (2)

3.2.7 Ingaba siyakholeleka isimo somlinganiswa onguThandabantu esivezwa kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.8 Xela udidi lwale noveli. (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2

4.1 **ISICATSHULWA G**

*(Emzini kaNdila kuhleli yena, umkakhe uZingiwe, uNonceba Zamani umlingane kaZingiwe noMaziko.)*

NDILA: Zingi, izinto ezibuhlungu azipheli, zikhula zaluphale nomntu.
ZINGIWE: Yintoni ngoku Dicksie?
NDILA: Mfondini! Ndirhoxile emsebenzini namhlanje ngenxa yeemeko.
NONCEBA O! Uthini na Dicksie? Akuqhuli? Iyawa nguMawonga?
ZINGIWE: Kudala ndimxelela uDicksie ukuba ukukhonza uMawonga kukubusa nokumilisela ubukumkani beempukane.
NONCEBA Suka wethu, akuphilwa ngasikolo sodwa. Zisaqhuma iitshimini phaya eMonti. Niphi na nina Sammy xa uDicksie <u>esiwelwa ngumgodi?</u>
ZINGIWE: Baphi ngantoni na, ingamahlakani kaMawonga nje lawo?
MAZIKO: Kanti ukuba benisazi! Ndixhaphe ndisom'amagwebu ndicamagusha, ndafa namthanyana. UDicksie lo angandingqinela. Ngaphaya koko, uDicksie uxhelwa ngumntu onezakhe izishiqi, koko azinamneki-lucingweni.
ZINGIWE: Unyanisile Sammy. Makungalalwa. Abasayi kuze batye amanzi abam abantwana. Ndakumenza azi ukuba inkwali iyakwazi ukuphandela enye ingenathole.
MAZIKO: Kanti unyanisile ingathi uyadlala nje. Eli lizwe alifuni nkenenkene. Ukuba indoda ikutshisa ngesomnga isikhuni yityabule nayo ngentsimb'ebomvu.
NDILA: *Life is full of suprises – Mediocre men do climb to the top most rung of the ladder of life, whilst brilliant men are often obscured by their brilliancy on which they rely without reservations*. Loo nto ayithethi into yokuba mabathi abaphumelele ngethamsanqa ukuziphepha izabatha zobom, mabadobelele abo bathwetyulwe zizo.

4.1.1 Xela le meko irhoxise uNdila emsebenzini. (1)

4.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba kudala benyathelana emsebenzini uNdila noMawonga. (1)

4.1.3 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oqulethwe libinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela ukuba uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni. (2)

4.1.4 Chaza iinzame ezenziwa nguNdila zokuba angarhoxiswa emsebenzini. (2)

4.1.5 Ngqina ukuba oku kurhoxa ngesinyanzelo kukaNdila emsebenzini kube neziphumo ezibi kubudlelwane bakhe noMawonga. (2)

4.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi luyinyani.

Oyena mntu ubangele ukuba uNdila abe akasaphangeli nguMaziko. (2)

4.1.7 Khetha zibeZIBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UZanele uhlangana noMawonga ethekweni bathandana.
(b) UNdila waya kwaFuneka eyokuboleka imali.
(c) UNdila wabulala uMawonga.
(d) UMaziko uya kwaMadala eye kuthetha ngoLoni ochitha isikolo. (2)

4.1.8 Cacisa indlela isiganeko sokurhoxiswa kukaNdila emsebenzini esilikhulise ngayo ibali. (3)

4.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Umbalisi kule drama (ngumntu ongaphakathi ebalini/ngumntu ongaphandle ebalini). Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

MAWONGA: Andozeli ndiphelile.

THANDIWE: Wozeliswa yintoni?

MAWONGA: Sukundibuza intaphane yemibuzo, Thandie. Ikhona ikofu. (*Athi xa ephakama folokohlo).*

THANDIWE: Kutheni na? O! Nkosi yam yehl'intlekele!

MAWONGA: Intlekele yantoni? Saph'ikofu Thandie.

THANDIWE: Yini kodwa le! Ndihlelwa yintoni? (*Ebukhathazeka esenza ikofu).*

MAWONGA: Enjengantoni Thandie? Kutheni ingathi akukakhuli nje?

THANDIWE: Akuzange ube nje Joe. Ubulele phi?

MAWONGA: Bendilele phi? O-o-o. Bendilele ecaleni kwendlela ndonakalelwe yimoto.

THANDIWE: Xa uvela phi ubungakhange uthi uyahamba nje?

MAWONGA: Bendiye eMtata izolo. Ndifumane abantu erenkini.

THANDIWE: Ukuba le 20 m ibithetha ngelibalisa amabali. Yile moto ikwenze wanje?

MAWONGA: Kanti ibali linye imoto ibingamanga kakuhle.

THANDIWE: Yeza njani apha?

MAWONGA: Ndincedwe ngabelungu apho endleleni.

THANDIWE: Uncedwe ngabelungu? Unethamsanqa. (*Watsho emnika ikofu)*

MAWONGA: Yibeke phaya ngasebhedini, ndiza kulala (*Urhabule kabini kathathu walala)*

THANDIWE: Azi ukuba iya kuphelela phi na le nto! (*Atsho emthe ntsho elusizi.)*

INDIMA 3
Umboniso 1

*(Sibona uZanele noFuneka endlwini yabo emva kwepati.)*

FUNEKA: Huntshu! Mntanasekhaya! Izele thole lini Zan?

ZANELE: Wethu! Kufuneka ndihlabe ndikhangele, hleze kuthi kanti ndizibindisa ngenyok'iphunga umhluzi.

FUNEKA: Zifake iinzipho zitshone nophoyiyana uyaqhuqhwa abenguchwenene.

ZANELE: Funeka, my sister, ndalamile, ndixakwe nje yinto yokuba lo mfo ngunomgcana, ndingathandi ukuba makaqhelane nokunxanwa.

FUNEKA: Kulunge kanye oonomgcana abo kanye. Akuqondi?

ZANELE: Njani?

FUNEKA: Bona sebeqhele ukubotshelelwa esingeni.

4.2.1 Kutheni uMawonga esozela nje? (2)

4.2.2 (a) Xela ukuba kuvela njani kwesi sicatshulwa ukuba uMawonga ulinyusile izinga lakhe lokusela utywala. (1)

(b) Ngqina uzixhase ukuba luzobo ngqo olusetyenzisiweyo ukuveza oku kunyusa kwakhe izinga lakhe lokusela utywala. (2)

4.2.3 Nika igama lomfana owacenga uMawonga ukuba asele utywala ethekweni likaFuneka. (1)

4.2.4 (a) (a) Kuphi kule ndawo uFuneka noZanele bancokola bekuyo kwesi sicatshulwa? (1)

(b) Chaza ukuba le ndawo bancokola bekuyo uFuneka noZanele imncedise njani uNdila ekuziphindezeleni kuMawonga. (2)

4.2.5 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKholam B nophawu lwayo oluku Kholam A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo. | (i) Yidrama. |
| (b) Ibhalwa ngokohlobo lweprozi. | (ii) Sisichazi-magama. |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso. | (iii) Sisihobe. |
| | (iv) Libali elifutshane. |

(3 x 1) (3)

4.2.6 Chaza ukuba uMaziko umele eliphi iqela labantu ngokwasentlalweni yoluntu. (2)

4.2.7 Ingaba siyakholeleka isimo somlinganiswa onguThandiwe esivezwa kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.8 Xela udidi lwale drama. (1)

**[35]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*– M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2**.**

5.1 **ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | Tyhini Yongs! Sowukhona? Senikhona? Chophani ke maleyidi. Chophani nifumane into eselwayo. (*Encumile eqoboza iliso kuNoyongo).* |
| NOYONGO: | Ewe sesikhona Mlungu. NguDina lo. (*Ejika ejonga kuDina).* Dina, ngumlungu wam lo. |
| NYOKA: | (*Emolulela isandla)* Molo sisi, ndiyavuya ukukwazi, gxebe ukukubona, hehehe! |
| DINA: | (*Eneentloni, esolula isandla)* Molo Bhuti. |
| NYOKA: | Kulungile, uSis' Yongs uza kukubonisa yonke into vha, hehehe! Kufuneka ndihambe, nifike kanye xa ndiphumayo. (*Uxoke watsho). (Ejika ejonga kuNoyongo)* Yongs, mandikubone sisi phambi kokuba ndihambe. (*Baphume, bemshiya yedwa uDina egumbini leendwendwe).* |
| NYOKA: | (*Etsibela uNoyongo emwola emphuza)* – Hhe wethu bheyibhi wam, umfumana phi na lo mntwana? |
| NOYONGO: | Ngowalapha eNgcobo Mlungu, lee phezulu eNkungwini. |
| NYOKA: | (*Eduda ebambelele kuNoyongo engamyeki)* – eNkungwini! Kunokuphuma umntwana onje eNkungwini? Umsebenzi uyabonakala moss ungatsho nje. |
| NOYONGO: | (*Ezikhulula ezandleni zikaNyoka)* Kunjalo Mlungu. |
| NYOKA: | Jonga qhawekazi lam, undive kakuhle bheyibhi nhe, kungabikho mpazamo. Yenza yonke into njengesiqhelo. |
| NOYONGO: | Uyandazi kaloku kwelo cala. |
| NYOKA: | Heke. Bamba nanku umgubo sisi. Ukhe kancinane ngencam yozipho, ungagqithisi kuba lo mntwana uyaqala ukuwusebenzisa kaloku. Umgalelele esiselweni sakhe, usakugqiba uye kumbonisa egumbini lakhe lokulala sisi, vha siyavana? |
| NOYONGO: | Kakuhle Mlungu. |
| NYOKA: | Ndifuna azive esekhaya kweliya gumbi lakhe lokulala uyeva? Uchithe ixesha elaneleyo naye nincokola. Ndifuna usebenze lo mgubo, azive esekhaya, amkelekile. |

5.1.1 Xela ukuba uze kwenza ntoni uDina kwaNyoka. (1)

5.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uNyoka wenza indlela yokuba bathethe noNoyongo uDina engabeva. (1)

5.1.3 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oqulethwe sisivakalisi esibhalwe bukekela esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela ukuba uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni. (2)

5.1.4 Xela indlela abaxhatshazwa ngayo ooNoyongo nooKuku nguNyoka. (2)

5.1.5 Ngqina ukuba lo 'mgubo' umncedile uNyoka kwimikhuba yakhe engcolileyo ebeyenza kuDina. (2)

5.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi luyinyani.

UNoyongo waphela emjikela uNyoka. (2)

5.1.7 Khetha zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UDina wagoduka wayokucela uxolo kubazali bakhe.
(b) UKuku wagxothwa kwaNyoka kuba ekhulelwe.
(c) UNoyongo wabulawa ngokuhlatywa ngencula.
(d) Amapolisa ambamba uNyoka amvalela. (2)

5.1.8 Cacisa indlela isiganeko sokugxothwa kukaDina kwaNyoka esilikhulise ngayo ibali. (3)

5.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Umbalisi kule drama (ngumntu ongaphakathi ebalini/ngumntu ongaphandle ebalini). Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


5.2 **ISICATSHULWA J**

(*KungoMgqibelo kusasa kwaThambolenyoka, uNoyongo uyafika emaphikana, uchazela uNyoka ngakubonileyo kusasa nje, kucholwa uNomhase ngamapolisa egetyengiwe.)*

NOYONGO: Hhe Mlungu, andiyazi le nto iqhubekayo. Andizange ndiyibone into enje.
NYOKA: Khawume Noyongo. Sukungena sele udubuleka nje maan uthetha into endingayivayo. Yintoni?
NOYONGO: NguNomhase Mlungu.
NYOKA: Yintoni? Utheni uNomhase?
NOYONGO: Ubulelwe Mlungu, ugetyengiwe. (*Ephakuphaku*)
NYOKA: Ubulewe ngubani? Phi? Ubumshiye phi kanti wena?
NOYONGO: Ndimthula esitophini kaloku Mlungu yonke imihla. Ndibuye ndidlule ngaye kusasa. Ndenze ngolo hlobo nayizolo. Ngoku xa ndimjonga kusasa nje kulaa ndawo ndiqhele ukumthatha kuyo, ndifika egqunywe ngelaphu elibomvu-namhlophe, kurhangqiwe phaya ngamapolisa, engafuni mntu usondelayo.
NYOKA: Ugetyengwe njani?
NOYONGO: Kuthiwa uhlatywe ngencula Mlungu. Oku kanye kukaNozici noNozigoci.
NYOKA: Yho! Kulungile, mandikukhulule kwangethuba namhlanje ugoduke. Yiyekele kum yonke le nto.

(*Usuke kwangoko uNoyongo, ephaku-phaku ngolona hlobo, wangena endleleni wagoduka. Wathi engekude kuyaphi amlandela kwangoko amapolisa amchola endleleni, abuyela naye edolophini aya kumvalela)*
*(Usele uNyoka ephaku-phaku mpela ngoku. Usuke waya egumbini lakhe. Wafika sekukho umfo omlindileyo apho ovela eMthatha. Ugxibha olude olunamadolo angqukuva ngathi zimbokotho, olutsho ngobuso obukhulu nobumnyama thsu oku kwembiza yesiNtu. Into etsho ngamehlo abomvu krwe, nelizwi elirhwexayo lizekelela ngendlela apha enyephileyo nenomdintsi.*

5.2.1 Kutheni uNoyongo engena emaphikana nje? (2)

(a) Xela ukuba kuvela njani kwintetho kaThambolenyoka ukuba ungumntu onempatho egadalala kubasebenzi. (1)

(b) Ngqina uzixhase ukuba luzobo olumayana olusetyenzisiweyo ukuveza impatho egadalala kaThambolenyoka kubasebenzi. (2)

5.2.2 Nika igama likatata kaDina. (1)

5.2.3 (a) Xela ukuba bathetha bephi uNoyongo noThambolenyoka. (1)

(b) Chaza ukuba le ndawo bathetha bekuyo uNoyongo noThambolenyoka incedise njani ukuphuhlisa isikhwasilima sikaNoyongo sokunyolukela imali. (2)

5.2.4 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKholam B nophawu lwayo olukuKholam A.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo. | (i) | Yidrama. |
| (b) | Ibhalwa ngokohlobo lweprozi. | (ii) | Sisichazi-magama. |
| (c) | Yahlulwa ngokweendima nemiboniso. | (iii) | Sisihobe. |
| | | (iv) | Libali elifutshane. |

(3 x 1) (3)

5.2.5 Chaza ukuba uThambolenyoka umele eliphi iqela labantu ngokwasentlalweni yoluntu. (2)

5.2.6 Ingaba siyakholeleka isimo somlinganiswa onguDina esivela kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2.7 Xela udidi lwale drama. (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Ikhikhizela LaseDangwana' nguLL Ngewu
- 'Ngumntu onjani lo?' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

**UMBUZO 6**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo oziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2

**'IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu**

6.1 **ISICATSHULWA K**

UFanabekho akaphulaphulanga nanye kwizinto azixelelwe ngunina. Ubevuka qho njengesiqhelo aqhawule ukutshon'edolophini, abuye eqhuba amatakane. Ubukho bakhe uFanabekho bebufana nokungabikho kwakhe. Le meko uMaKheswa uyijonge wayijonga wabon'ukuba zange azale tu kule nkewu. Akukho nto ubeluncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe nakwisiqu sakhe.

Into ebebaluleke ngayo umfo kaFikizolo kukufaneleka kwakhe. Ebenxiba kakuhle athi chu ukuya edolophini, ethethela phantsi okwenene lamanene. Umntu odibene naye ebengalibali edibene nomntu kwaba bantu banqongophele kangaka. Enye yezinto ebengahlukani nazo liphepha-ndaba apha i-'Daily Dispatch'. Umntu omphandayo ukuba wenzani kanye ebengalibazisi athi uyi 'pharmarcist' evunyiweyo.

Unina uMaKheswa uhambe wahamba wadinwa kukondla ahlambele umququ nje olindele ukuphetshethwa ngumoya. Bezikhe ziqengqeleke iintsuku uFanabekho engabonakali ekhaya, abuye nje xa eze kutshintsha impahla. Ngenye imini ubuyile wacela into etyiwayo kunina koko umhlolokazi akazihluphanga uphendule ngelipholileyo wathi, '*Ukuba ubuyinja yalapha ekhaya bendiza kuqukeza ndikwenzele ukudla kuba bendiza kuqiniseka ukuba ubuyile nje uza kukhonkotha ube nesidima umzi kaMbongo. Akukho nto indikhathaza nje ngale yokuba ukho, uthi kanti ukho nje kanti awukho. Ndixakiwe ke kuba uyihlo wayengenje ngawe lo, ukuba wayenjengawe lo, ngendizixolisa ngelithi ikhikhizela liphum'esiqwini.*

6.1.1 Xela indawo ebesiya kuyo uFanabekho endaweni yokusebenza imisebenzi yekhaya. (1)

6.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uFanabekho wayengelo ncedo kwaphela. (1)

6.1.3 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oqulethwe libinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela ukuba uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni. (2)

6.1.4 Chaza indlela awemka ngayo eTinarha uFanabekho ukuze agoduke. (2)

6.1.5 Ngqina ukuba yayimhlupha uFanabekho into yokuba abe ushiyiwe ziintanga zakhe. (2)

6.1.6 Cacisa ukuba kutheni olu lwazi lungezantsi luyinyani.

UMaKheswa wayengamkhuthazi uFanabekho kwingcinga yakhe yokubuyela esikolweni. (2)

6.1.7 Khetha zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

ÉcoleBooks

(a) UFanabekho wabuyela kokwabo emva kweminyaka elishumi elinesixhenxe walahlekayo.

(b) UMaKheswa wathengisa iinkomo wanika unyana wakhe imali.

(c) UFanabekho wadibana noQaqambile edolophini. UMaKheswa waya kumthandazeli kuQumbu ngomba wonyana wakhe owalahlekayo. (2)

6.1.8 Cacisa indlela isenzo sikaFanabekho sokubuyela kokwabo esilikhulise ngayo ibali. (3)

6.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Umbalisi kweli bali (ngumntu ongaphakathi ebalini/ngumntu ongaphandle ebalini). Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**'NGUMNTU ONJANI LO' – LL Ngewu**

6.2 **ISICATSHULWA L**

Kuphakame umfana obonakele ngepensile emva kwendlebe ukuba wakha wanyathela kumasango esikolo. Akukho nto iphathekayo lo mfana ayifundileyo ngomfi lo ngaphandle nje kokuba uManduleli lo wayengunyana wesine kaNdawana noMaNdaba ezalelwe eNdaliso. Akuvakalanga nto ngenkonzo kwaye akuvakalanga ukuba wakha wenzela nto mntu. Into nje eye yabalasela ligquba labantwana abafikileyo kumashumi amabini anesihlanu. Amakhosikazi akhe ewonke ebemahlanu nakuba ke amane kuwo adikwa ngumendo ukuba wayengawagxothanga.

Nakuba uManduleli engazanga ongiwe nje, kubonakele kufanelekile ukuba kubekho umntu othetha ngokongiwa kwakhe. Le ndedeba iyithethile into yokuba umfi lo akagulanga koko watsarhwa emgidini kwalapho eNdaliso. Into yona eye yaqunywa yaqumeka kukuba umfi lo utsarhwe yintoni. Esi sithethi nakuba singathethanga nto nje siququmbele ngelithi, '*Kube njalo ke ukuhamba kukaKhiwa lo*.'

Emva koku ibe luthotho lwezithethi ezithethe ngokuthothoza ngokungathi zinyulwe ngokuzekelela. Kwezi zithethi bekukho esasebukhweni; esasebufaneni; esasemsebenzini umfi esengumphangeli mgodini; eselali. Impazamo yenzeke kwakufika kwisithethi sasebukhweni bakhe, kuphakame ngoku amadoda amathathu kubonakala kakuhle ukuba iyileyo izimisele ukuphosa igade kule ndima yezithethi. Kuthande ukubakho ukukrwithakrwithana kwesi sithuba kunzima ukugqiba ukuba ngubani onelungelo lokuthetha.

6.2.1 Kutheni kungekho nto iphathekayo inokuthethwa ngoManduleli? (2)

6.2.2 (a) Xela ukuba kuvela njani kwesi sicatshulwa ukuba uManduleli ungumntu owayengazanga ancede mntu. (1)

(b) Ngqina uzixhase ukuba luzobo ngqo olusetyenzisiweyo ukuveza ukuba uManduleli ngumntu owayengazanga wanceda mntu. (2)

6.2.3 Nika igama likayise kaManduleli. (1)

6.2.4 (a) Xela ukuba kuqhubeka ntoni kwesi sicatshulwa. (1)

(b) Chaza ukuba ukutsarhwa kukaManduleli emgidini okuxelwa kwesi sicatshulwa kuncedise njani ukuphuhlisa isikhwasilima sakhe. (2)

6.2.5 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKholam B nophawu lwayo olukuKholam A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo. | (i) Yidrama. |
| (b) Ibhalwa ngokwemo yeprozi. | (ii) Sisichazi-magama. |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso. | (iii) Sisihobe. |
| | (iv) Libali elifutshane. |

(3 x 1) (3)

6.2.6 Chaza ukuba uManduleli umele eliphi iqela labantu ngokwasentlalweni yoluntu. (2)

6.2.7 Ingaba siyakholeleka isimo somlinganiswa onguManduleli esivezwa kweli bali? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.8 Xela udidi lweli bali ngokomxholo walo. (1)
**[35]**

ÉcoleBooks

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Umnqayi' nguS Maputi
- 'Mfazindini wase-Afrika' nguT Yawa

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

### UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2

7.1

**UMNQAYI – S Maputi**

1 Untongani le ingazanga yabetha?
2 Untongani le ingalaliswayo?
3 Untongani le ikwazi ukuthetha?
4 Untongani le ingaqoqwayo?
5 Awufakwa ntsilathi nadalo.
6 Lo mnqayi usikelelekile.

7 Asinduku le ukuhlonipheka;
8 Ngobumnyama nesithozela;
9 Ayichathwa bhinqa nankwenkwe;
10 Phofu ayihlali nezinye izagweba;
11 Lo mnqayi uthamsanqelekile.

12 Amakrwala athweswa ngawe;
13 Khu ngokunene oobhuti abatsha.
14 Begcine umfaneleko nokuxabiseka;
15 Bengcembe bekhangele phantsi;
16 Ingekuko ukuthanda kodwa intlonipho
17 Yakho mnqayindini.

18 Yintoni le ityhulu ngawe,
19 Imicimbi oyisindlekayo inesizothe nje?
20 Kumangalwa ngawe kwaXhosa;
21 Ugodusa isisu uqhube nekhazi;
22 Loo madoda emva kwezo nkomo,
23 Awaphazami ukuphekuza ngawe.

Akufika emzini awabuzwa,
Kuyaziwa, inyewe lulwendiselwano;
Kwakubonwa wena kuthethwa ngosingaye,
Hayi inyewe yobukhozi.

Lo mnqayi undilisekile.
Ubuhlobo, uzakuzo ufombekile.
Abasweleyo nezinhanha bawukhonzile.
Intsingiselo ibubom obutsha.
Kuloo masebe ombhongisa nentsinde,
Kanti nesiphingo ukuthwasa koMdumba

7.1.1 Nika zibeMBINI izinto ezingenziwayo ngumnqayi ngokwakwisitanza soku-1. (2)

7.1.2 Xela ukuba usetyenziselwe ntoni umbuzo buciko kwimiqolo yokuqala emine yalo mbongo. (2)

7.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

(a) Iphatheni yerayim ekwimiqolo 1–4 ngu (aabb/abab/aabc). (1)

(b) Nika umsebenzi owenziwe yirayim kulo mbongo. (1)

ÉcoleBooks

7.1.4 Chonga isithetha-ntonye segama, 'isidima' kwisitanza sesi-2. (1)

7.1.5 Cacisa okuqulethwe sisitanza sesi-3. (2)

7.1.6 Chaza indlela esahluke ngayo isitanza sesi-4 kwesesi-5 ngokwesakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)

7.1.7 Xela ukuba unjani umoya wembongi kulo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.8 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.9 Ingaba ulwazi olufumene kulo mbongo luyitshintshile indlela owubona ngayo umnqayi? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



7.2

**MFAZINDINI WASE-AFRIKA – T Yawa**

Yizani bantu ningqine nank'umhlola.
Namhla kunamhla ndalam'isimanga.
Silo sini na esi sity'utyani ngerhengqe?
Yintoni na le inje mzi wakowethu aph'ekhaya?
Usisilo na nokokuba ungumntu na?
Thetha **kaloku**, usabele xa ungumntu. Yeha!
Lixhishini utyani urheme bumthe swii.
Usisidla-tyani na de uthi swii mazindini?

Kuloo maqhwa aqhaqhazelisa imihlathi,
Ndithe mandla umfazi waseAfrika edov'ududaka,
Ath'exovaxova ab'enyovanyova ngezo zandla.
La mazwembezwembe ulungiselela iimini zikaXakeka emtyantini.
Ndimalam'entsintsitheka neziqonga zeepali ezidal'incilikithi;
Exhibitheka nje, ubawozala ukhala ngebhekilana yomthayi.
Yaya phi na imfobe kwesi sizwe sethu mdakasholondini?
Mazi zase-Afrika zona kade zayibamb'itshisa, sithi ngxe!

Zitsholoza nje iimbiza zemipheko zicela yena,
Ukhula lusenzel'izothe engekho lo mfazana.
Ndima yakhe ayinamyinge aph' emtyantini.
Bushushu balo mzi buphehlwa nguye.
Engalanywa kulalw'egxwalil'amehlo
Kusapho olufa ngeso sandla sakhe sishushu.
Akuthi sithe kulawul'unxunguphalo emzini.
Bon'ezo zishwayimbana zakhe zimthwebevu.

7.2.1 Ibhekisa kubani imbongi kumqolo woku-1? (1)

7.2.2 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kumqolo wesi-2 imbongi ibone into (eyothusayo/evuyisayo). (1)

7.2.3 Nika isafobe esifumaneka kumqolo wesi-5. (1)

7.2.4 (a) Xela ithoni evezwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-6. (1)

(b) Phawula ngokufaneleka kokusetyenziswa kwayo le thoni. (2)

7.2.5 Tolika okuthethwa ngumqolo we-9. (2)

7.2.6 (a) Xela umfanekiso- ngqondweni ofumaneka kumagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo we-13. (1)

(b) Chaza ukuba uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni. (2)

7.2.7 Xela isixhobo sesandi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo we-17. (1)

7.2.8 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKholam B nophawu lwayo olukuKholam A.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo. | (i) | Yidrama. |
| | | (ii) | Sisichazi-magama. |
| (b) | Ibhalwa ngokohlobo lweprozi. | (iii) | Sisihobe. |
| (c) | Yahlulwa ngokweendima nemiboniso | (iv) | Libali elifutshane. |

(3 x 1) (3)

7.2.9 Nika umxholo walo mbongo. (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE 70**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM